ISAZISO

UKUBHALISWA KOSOMASHISHINI KUMQULO WECANDELO LOKUPHUHLISWA KOMNOTHO WENDAWO, UKHENKETHO KWAKUNYE NEZOLIMO

Umasipala wase Emalahleni kwiCandelo lokuPhuhliswa komNotho weNdawo, Ukhenketho kwakunye neZolimo kulindeleke ukuba enze isimo esilungele ukuba kubelula ukuqhuba ushishino kwimida kaMasipala. Njengendlela yokuqhubela phambili ngeSicwangciso Nkqubo Sophuhliso lomnotho wendawo uMasipala ukwiphulo lokuvelisa indlela yokugcina ulwazi ngawo wonke amashishini (Abhaliswe ngokusemthethweni nangabhaliswanga) afumaneka kummandla kaMasipala. Olu lwazi luzakunceda njengendlela yokuqinisekisa ukuba kukho indlela eyiyo ukuqinisekisa ukuba lamashishini ayakwazi ukuzimela ukuze uluntu lukwazi ukuphila. Kwakhona izakuncedisa ukuba uMasipala akwazi ukucwangcisa uphuhliso ngendlela eyiyo.

NIYAMENYWA

Onke amashishini abhaliswe ngokusemthethweni nalawo angabhaliswanga afumaneka kuMasipala ayamenywa ukuba azokubhalisa kumqulu kaMasipala kwiCandelo lokuPhuhliswa komnotho wendawo, Ukhenketho kwakunye neZolimo.

Umasipala ujonge ukuthatha inkcukacha zeshishini, ezomnikazi shishini, Indawo eliqhuba kuyo, izinto eziveliswayo nezithengiswayo nolunye ulwazi olungathi lufuneke.

ZINTO ZINI EKUMELE UZIPHATHE?

Nceda uze nezincwadi zilandelayo:

- Isazisi esisemthethweni, umzekelo isazisi esisemthethweni saseMzantsi Afrika okanye iPasi nephepha mvume lokusebenza kweli xa ungenguye ummi walapha. **Akukho shishini liyakuthi libhaliswe singekho isazisi esisemthethweni.**
- Isiqinisekiso sokuba ishishini libhalisiwe kumashishini

EZINYE EZINGANYANZELEKANGA

- Isiqiniseko semfundo umzekelo isiqinisekiso sebanga leshumi naso nasiphina esinye isiqinisekiso soqeqesho okanye semfundo enomsila.

BAYAMENYWA NABO BANQWENELA UQALA AMASHISHINI

INKCUKACHA NGOBHALISO

UMHLA	INDAWO	IXESHA
19 eyeKhala 2016	KwiHolo yeDolophu eDordrecht	10H00-15H00
20 eyeKhala 2016	KwiHolo yeDolophu eLady Frere	10H00-15H00
21 eyeKhala 2016	KwiHolo yeDolophu eIndwe	10H00-15H00

Ngolwazi nenkcukacha qhakamshelana noMnu M. Tikana ku 047 878 2034/35 or 082 528 8351 / 084 825 5444 / 083 313 2179 ngamaxesha omsebenzi.

Owakho kuphuhliso nokuziswa kwenkonzo

DR S.W. Vatala
Umphathi kaMasipala